



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI 9

EYENKANGA 2017

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL) P2 IMEMORANDAM

AMANQAKU: 60

Le memorandam inamaphepha ama-5.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1: ISICATSHULWA

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

- Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
- Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kanti ke ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.
- Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI noNDIYAVUMELANA/ ANDIVUMELANI. Isizathu/ ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
- Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ ukunika ubungqina/ ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
- Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyaniswe.
- Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo
- Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
- Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisayo impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE / OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

- 1.1 EMpuma Koloni. ✓ (1)
- 1.2 B / Untondo ✓ (1)
- 1.3 Ipiyano ✓ (1)
- 1.4 Wayethatha ikama kasisi wakhe ayisebenzise njengomboko wokuthetha ukuze asasaze iindaba. ✓✓ (2)
- 1.5 Zange aphozise maseko. ✓✓ (2)
- 1.6 YiRadio Transkei. ✓ (1)
- 1.7 Akaqondi ukuba unalo ilizwi likanomathotholo kwaye akasoze aye phambili. ✓✓ (2)
- 1.8 Zange atyhafe wathi uza kuzama aphumelele. ✓✓ / wazimisela ✓✓ (2)
- 1.9 Indima. ✓ (1)
- 1.10 Wafunga / wagqiba / wawuzama lo msebenzi ✓✓ (2)
- 1.11 Isikweko. ✓ (1)
- 1.12 Luluvo kuba abukho ubungqina obuphathelele kule ngcamango. ✓ (1)
- 1.13 Yayingumsebenzi wakhe / ikamva lakhe. ✓✓
Khetha echanekileyo impendulo kwezi. (2)
- 1.14 Wafumana imbasa iBest Supporting Actress kwiDrama. ✓ (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 20

ICANDELO B: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 2**

- Upelo
 - limpendulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpindulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
- Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempindulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

2.1	Intanethi. ✓	(1)
2.2	Ifashoni. ✓	(1)
2.3	Wonwabile, kuba uncumile nomzimba ubhabha emoyeni, uyahleka. ✓✓	(2)
2.4	Andingenanga kumatshonisa ngenxa yentombi yam. ✓	(2)
2.5	Isifaniso. ✓✓	(2)
2.6	Bayayazi ibhanti yam. ✓✓	(2)
		[10]

UMBUZO 3

Umntwana ✓ abaseKapa ✓ usuke ✓ Loo ✓ nto ixesha. ✓ **[5]**

UMBUZO 4

4.1	Um-✓	(1)
4.2	Mdaka ✓ isibaluli. ✓	(2)
4.3	Bonke ✓ isimelabizo soquko. ✓	(2)
4.4	Indlulamthi. ✓✓	(2)
4.5	Ingqeqesho iqala ekhaya. ✓	(1)
4.6	Babhala ✓ ixesha langoku. ✓	(2)
		[10]

UMBUZO 5

- 5.1 G / Isibaluli (1)
 - 5.2 H / Isihlomelo (1)
 - 5.3 B / Isihlanganisi (1)
 - 5.4 I / Isifaniso (1)
 - 5.5 C / Isiyaleli (1)
- [5]**

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMBONGO**UMBUZO 6**

- 6.1 Indoda. ✓ (1)
- 6.2 Indoda ezolileyo, ✓ ethuleyo, ✓ ethetha ngokucacileyo ✓ ekrelekrele, ✓ ekhanyayo, ✓
Khetha zibembini kwezi. (2)
- 6.3 Aziwe umbhali wawo. ✓✓ (2)
- 6.4 Umbongo ochazayo. ✓✓ (2)
- 6.5 6.5.1 Mqolo 1 Isifaniso. ✓ (1)
- 6.5.2 Mqolo 4 Isikweko. ✓ (1)
- 6.6 D / Wokuva. ✓ (1)

AMANQAKU ECANDELO C: 10
AMANQAKU EWONKE: 60